

INCOKO YAMADODA NGOGONYO

I-COVID-19 NOKWABELANA NGESONDO

Ingaba iyeza lokugonya le-COVID-19 lingakubangela ukuba ungavukelwa?

HAYI.

Amayeza okugonya e-COVID-19 awabangeli ukuba ungavukelwa okanye ungazali. Kwelinye icala, ukosulelwa yi-COVID-19:

- kunokubangela ungavukelwa okanye ukungazali kumadoda.
- kunokonyusa amathuba okuba ungavukelwa (i-ED) ngokuphindwe phantse kathandathu.

KUTHENI AMADODA ESWELEKA KAKHULU?

Amadoda (amadala) amaninzi kunabantu basetyhini abulawa sisifo se-COVID-19 ngenxa yokuba:

- Amadoda ngokwendalo osulelwa lula yi-COVID-19.
- Amadoda anokungalufuni unyango ngokukhawuleza.
- Ambalwa amadoda agonywayo kunabantu basetyhini.

Masikhuthaze oogxa bethu kunye nabahlobo ukuba bafumane isitofu sokugonya ukuze sizigcine kunye nabo basenyongweni kuthi sikhuselekile.

INDLELA YOKUGONYA?

Ukuba uneminyaka eli-12 okanye ngaphezulu, akukho nto uyilindileyo! Hamba uyokugonywa kwindawo ekufutshane nawe. Awunyanzelekanga ukuba ulinde i-SMS ekuxelela ukuba uye nini kwaye uye phi.

- Yiza nencwadi-sazisi yakho, iPasipoti, inombolo yoMsabi ofuna ukhuseleko okanye inombolo yokuba yiMbacu.
- Unawo umbuzo? Tsalela umnxeba ku-0800 029 999. Silapha ukukunceda.

AMAMPUNGE



Amampunge: Amayeza okugonya e-COVID-19 ayabulala.

Amampunge: Unokufumana i-COVID-19 kwiyeza lokugonya.

Amampunge: Andikho emngciphekweni wokuguliswa kakhulu yi-COVID-19 ngoko ke andilifuni iyeza lokugonya.

Amampunge: Iyeza lokugonya lizakuguqula iiseli zofuzo (i-DNA) zam.

Amampunge: Amayeza okugonya aluphawu lwerhamncwa u-666.

INYANISO YOKWENENE



UMzantsi Afrika sele usebenzise izitofu zechiza lokugonya ezingaphezulu kwezigidi ezingama-22.

Akukho bantu bafunyaniswe ukuba basweleke ngenxa yokuba betofwe ngeyeza lokugonya.

Amayeza okugonya anciphisa amathuba wokugula okuxhalabisayo, ukulaliswa esibhedlele kunye nokusweleka okunxulumene ne-COVID-19.

Hayi! Awunakho ukufumana i-COVID-19 kwiyeza lokugonya kuba aliqulathanga intsholongwane.

Amayeza okugonya anciphisa umngcipheko wokugula kakhulu, kodwa usenakho ukosulelwa yile ntsholongwane futhi uyisasaze kwabanye abantu, ngoko ke kubalulekile ukuba uqonywe.

Amayeza okugonya awaziguquli iiseli zofuzo (i-DNA) zakho.

Amayeza okugonya aphantwe aze avanywa zingcali ezingoomakhwekhwetha zezenzululwazi ke ngoko awananto iwadibanisa nayo nayiphi na inkolo okanye inkolelo.